URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Griffet Fransman**
ICandelo loKuxhasa amaZiko ngeziBonelelo
Griffet.Fransman@westerncape.gov.za | 021 467 2247

Inombolo yefayili: 18/2/R
Isalathiso: 20240111-748

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loKuxhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0003/2024

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nabezikolo zezakhono

**Isihloko: Ukuhlaziywa kweenkcukacha zabafundi abakwiziko ledatha *leSkim soThutho* lwaBafundi (*Learner Transport Scheme (LTS))* kwi-*CEMIS***

1. Amagama neendawo ekulayishwa kuzo abafundi ezikolweni abagunyazisiweyo ukuba basebenzise iindlela ze-*LTS* ezixhaswa ngemali liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), bafakwa ngokuqhubekekayo kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS*.

2. Ngalo naliphi na ixesha kuvunyiwe yaye kwagunyaziswa ukuba abafundi basebenzise iskim sothutho lwabafundi i-*LTS*, amagama abafundi neendawo ekulayishwa kuzo abafundi afakwa kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS* ngamagosa ajongene noko kwaNdlunkulu. Kunyanzelekile ukuba izikolo zenze izicelo zabafundi abatsha abasebenzisa iindlela ze-*LTS* ukuqinisekisa ukuvunywa kwabo nokufakwa kwedatha yabo bafundi banjalo kwi-*CEMIS*.

3. Ukungqinisisa ukuchaneka kweenkcukacha zabafundi kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS,* iSebe i*WCED* liqhuba inkqubo yokungqinisisa nokuqinisekisa iinkcukacha zabafundi neendawo abalayishwa kuzo abafundi abagunyazisiweyo abasebenzisa i-*LTS* kwindlela echaziweyo ye-*LTS* esikolweni.

4. Zonke izikolo zikarhulumente ezine-*LTS* exhaswa ngemali liSebe i*WCED*, ukwenjenje ziyacelwa zithelekise amagama abafundi abasebenzisa ngoku iskim se-*LTS* esixhaswa ngemali liSebe i*WCED* ezikolweni, namagama abafundi afakwa kwikhompyutha kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS*.

5. Xa kujongwa iinkcukacha zabafundi ezibonakaliswe kwi-*CEMIS* kunokufunyaniswa oku kulandelayo kungekho mgaqweni:
   - Abafundi abasebenzisa kungokunje iskim sothutho lwabafundi kodwa amagama abo angabhalwanga kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS*, okanye


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

- Abafundi abangasasisebenzisiyo iskim sothutho lwabafundi kodwa abanamagama abhaliweyo kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS*.

6. Ukwenzela ukuba kungenwe yaye kujongwe iinkcukacha zomfundi kwindlela nganye kwi-*CEMIS*, le nkqubo ilandelayo mayilandelwe:

   - Ngena kwi-*CEMIS*.
   - Kwimenyu, yalathisa i-*cursor* kwisihloko esithi *"Administration"*. Kuya kuvela uluhlu olukhethwayo lwe-*"Learner Transport" option* kwi-*drop down list*.
   - Yalathisa i-*cursor* kuluhlu olukhethwayo *"Learner Transport" option* yaye kuya kuvela ii-*"Approved Routes"* kwi-*drop down list*.
   - Klikha ku-*"Approved Routes"*
   - Klikha *ku-" Learner Transport Details"*.
   - Khetha inombolo yendlela echaphazelekayo.
   - Kuya kuboniswa uluhlu ngoku apho kukho abafundi abagunyazisiweyo kwindlela leyo ikhethiweyo.

7. Kucelwa niqinisekise ukuba ngaba iinkcukacha zabafundi ezikwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS* zichanekile na okanye akunjalo.

8. Ukuba iinkcukacha zomfundi neendawo abalayishwa kuzo kufuneka zihlaziywe kwi-*CEMIS* kucelwa kuzaliswe isihlomelo esiqhotyoshelweyo ukuchaza:
   - amagama, iifani, amabakala, iinombolo ii-*CEMIS identification numbers,* neendawo abalayishwa kuzo ezigunyazisiweyo abafundi abayisebenzisayo iskim se-*LTS*, kodwa abanamagama abo angaveliyo kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS, okanye*
   - amagama, iifani, amabakala, iinombolo ii-*CEMIS identification numbers,* neendawo abalayishwa kuzo ezigunyazisiweyo abafundi abangasasisebenzisiyo iskim sothutho lwabafundi *(LTS.)*

9. Izikolo maziqinisekise ukuba **ngabafundi <u>ABANGABONAKALIYO</u> kwi-*CEMIS* kuphela, kodwa abayisebenzisayo indlela, abadweliswe kwicandelo A lesihlomelo. Izikolo maziyeke ukungenisa uluhlu lwabo bonke abafundi abasebenzisa indlela, njengoko ukungqinisisa umfundi ngamnye kuthatha ixesha ngokugqithisileyo, kuze kuthi emva koko kufumaniseke ukuba abanye abafundi okanye uninzi lwabo sele lubonakala kwi-*CEMIS*.**

10. Kucelwa, niskene yaye ningenise uxwebhu (amaxwebhu) oluchaphazelekayo oluzaliswe ngokupheleleyo apha WCEDLTS@westerncape.gov.za **ungadlulanga owe-Matshi 2024**. Kunokuqhagamshelwana noMnu Griffet Fransman ku-021 467 2247 ukuba nifuna uncedo xa ningena kwi-*CEMIS.*

11. Lwakuba lufunyenwe uxwebhu (amaxwebhu) olukhankanywe ngentla, iinkcukacha zabafundi abangasasisebenzisiyo iskim sothutho lwabafundi (*LTS),* ziya kususwa kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS* yaye iinkcukacha zabafundi abakufaneleyo ukuthuthwa ziya kuhlaziywa kwi-*CEMIS*.

12. Luya kuthakazelelwa uncedo lwenu ngalo mba.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-02-19